Isifundo 1

**Disemba 29–Januwari 4*

IGospile Evela EPatimo

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
IsiTy. 1:1–8; Yohane 14:1–3; Dut. 29:29; Yohane 14:29; Roma 1:7; Filipi 3:20; Dan. 7:13, 14.

Indima Yenkumbulo:
“Unoyolo lowo uwalesayo, kwanabo bawevayo amazwi aso isiprofeto esi, bazigcine izinto ezibhaliweyo kuso; kuba ixesha likufuphi” (IsiTyhilelo 1:3.)

Iziprofeto zesiTyhilelo zatyhilwa embonweni kumpostile uYohane ngaphezu kweenkulungwane ezilishumi elinethoba ezadlulayo, ngexesha lokugxothelwa kwakhe kwisiqithi esincinane esinamatye amakhulu sakulwandle iAegean, esaziwa ngokuba yiPatimo (IsiTy. 1:9). Indima IsiTyhilelo 1:3 inika ingqondo yokuba incwadi le yayiza kufundwa kuthethwa kakhulu ebandleni. Indima ithembisa intsikelelo kulowo wayeza kufunda ethetha ngokuvakalayo, kwakunye nabo baphulaphuleyo. Abaphulaphuli besikhungu babehlangana enkonzweni ukuba beve izigidimi. Phofu ke, basikelelwa, kungengakuba befunda nje okanye baphulaphula nje, kodwa ngokuba bayawathobela amazwi encwadi (bona IsiTy. 22:7).

Iziprofeto zesiTyhilelo zikukubonisa ukukhathalela kukaThixo abantu baKhe. Zisalathisa kubufutshane nokuba ethe-ethe kobu bomi, kusindiso kuYesu, nobizo lwethu lokuba sisasaze iindaba ezilungileyo.Iziprofeto zeBhayibhile zifana nesibane esikhanya kwindawo emnyama (2 Pet. 1:19). Zilungiselwe ukunika inkokelo ubomi bethu namhlanje nethemba kwikamva lethu. Siza kuyidinga le nkokelo kude kube sekufikeni kukaKristu nasekumiselweni kobukumkani bukaThixo obungunaphakade.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJanuwari 5.*

Isihloko Sale Ncwadi

Funda IsiTyhilelo 1:1, 2. Sibaluleke ngantoni isihloko esipheleleyo sale ncwadi? Sisifundisa ntoni isihloko ngalowo incwadi ngokwenene ingaye?

IsiTyhilelo 1:1 sisibeka isihloko sale ncwadi njenge"siTyhilelo sikaYesu Kristu." Igama IsiTyhilelo livela kwigama lesiGrike u-apokalupsis (apocalypse), elithetha "ukususa isigqubuthelo" okanye "ukutyhila." IsiTyhilelo kukutyhilwa kukaYesu Kristu; sizizinto ezimbini: ukuvela kuYesu nokuba ngaYe uYesu. Nangona ivela kuThixo ngaYe uYesu Kristu, (bona IsiTy. 22:16), le ncwadi ingqina ukuba uYesu ikwa nguYe ekuqwalaselwa kuYe koko ikuqulathileyo. IsiTyhilelo sikukuzityhila kwaKhe ebantwini baKhe nokuveza inkathalo yaKhe ngabo. UYesu ungumbindi wesiTyhilelo. Incwadi iqala ngaYe (IsiTy. 1:5–8) igqibele ngaYe (IsiTy. 22:12–16). "UDaniyeli makathethe, IsiTyhilelo masithethe, zixele oko kuyinyaniso. Kodwa nasiphina isigaba somxholo obekwayo, makaphakanyiswe uYesu esisazulu salo lonke ithemba 'iNgcambu neNzala kaDavide, iKhwezi eliqaqambileyo lokusa.'"—Ellen G. White, *Testimonies to Ministers and Gospel Workers,* p. 118.

Kwakhona, uYesu wesiTyhilelo nguYesu weeVangeli ezine. IsiTyhilelo siqhubeka nokuchaza uYesu kunye nomsebenzi waKhe wokusindisa ngenxa yabantu baKhe njengoko uqale ukuzotywa kwiiVangeli. Incwadi yesiTyhilelo ngoku iqwalasela kumacala awahlukileyo obukho baKhe nolungiselelo lwaKhe. Ngendlela eyodwa, iqala apho iiVangeli ziyeka khona, ngokuvuka nokunyukela kukaYesu ezulwini. Zihlangene neLeta yamaHebhere, IsiTyhilelo zicinezela ukulungiselela kukaYesu engcweleni esemazulwini. Ibonisa ukuba, emva kokunyuka kwaKhe uYesu wamiselwa kubukhosi nobubingeleli baKhe kwingcwele esemazulwini. Ngaphandle kwesiTyhilelo (namaHebhere) ulwazi lwethu ngolungiselelo lukaKristu emazulwini ngenxa yabantu baKhe beluya kunqongophala, lugqunywe emfihlakalweni. Kanti ke, seyihlangene namaHebhere, incwadi yesiTyhilelo isinika ukukhangela ngendlela eyodwa kulungiselelo lukaYesu Kristu ngenxa yethu.

Funda uYohane 14:1–3. Isithembiso esibanzi kakhulu apha sisinceda njani apha ukuba siyiqonde ngcono into eyenziwa nguYesu ezulwini ngoku? Singakufunda njani ukufumana ithemba kwesi sithembiso simangalisayo?

Injongo Yale Ncwadi

Indima IsiTyhilelo 1:1 ikwasixelela ukuba injongo yencwadi kukubonisa iziganeko ezizayo, ukususela ekubhalweni kwencwadi ngokwayo. Wonke oqheleneyo nesiTyhilelo uya kuphawula ukuba iziganeko ezizayo—nokuba zezo sezizalisekile (ngokokubona kwethu namhlanje) okanye ezo zingekenzeki, (kwakhona, ngokokubona kwethu)—zithabatha indawo enkulu kokuqukwe encwadini. Lo gama isiqingatha sokuqala sesiTyhilelo (izahluko 1-11) ziqwalasele kwiziganeko ezenzeka kwinkulungwane yokuqala A.D. ukuya kwixesha lokuphela, isiqingatha sayo sesibini (izahluko 12-22) ziqwalasele kwiziganeko ezikhokelela ekuBuyeni kwesiBini. Injongo ephambili yeziprofeto zeBhayibhile kukusiqinisekisa ukuba, nokuba liza nantoni ikusasa, uThixo uyalawula. IsiTyhilelo senza kanye loo nto: sisiqinisekisa ukuba uYesu Kristu unabantu baKhe kuyo yonke imbali yehlabathi neziganeko zalo zokugqibela ezikhwankqisayo.

Funda: Duteronomi 29:29. Isinceda njani le ndima ukuba siqonde ukuba kungani ukuba ezinye izinto zingatyhilwa kuthi? Ngokwale ndima, iyintoni injongo yezinto ezityhiliweyo kuthi? Oko kukuthi, kutheni le nto sizixelelwa? Bona nakwisiTyh. 22:7.

_____

_____

_____

Iziprofeto zesiTyhilelo zexesha lokuphela azityhilwanga ukuba zanelise ukufuna ukwazi okungaphaya ngekamva. Incwadi ityhila kuphela imiba yexesha elizayo ebalulekileyo kuthi ukuba siyazi. Zityhilelwe ukufaka kuthi ukubaluleka koko kuza kwenzeka ukuze sikwazi ukukuqonda ukuxhomekeka kwethu kuThixo nokuba, koko kuxhomekeka, simthobele.

Kwiinkulungwane ezininzi, kuninzi ukucingela, kwanokukhuthazwa kokuziva, okuthe kwahamba nokuninzi okuziziganeko zexesha lokuphela. Ubutyebi buye benziwa ngabo bathi, bexela okuza kwenzeka kwamsinyane, bayisenga imihlambi yabo, beyoyikisa ukuze inikele imali kulungiselelo lwabo, kuba, kaloku isiphelo sikufuphi. Ixesha ngalinye, phofu, isiphelo asifikanga, abantu balahlekisiwe badaniswa. Njengazo zonke izinto ezilungileyo uThixo azinikileyo, naso isiprofeto sinako ukusetyenziselwa inzuzo ngendlela engeyiyo.

Funda: Yohane 14:29. Uthini umthetho-siseko esinokuwufumana apho ngenjongo yesiprofeto?

_____

Ulwimi Olungumfuziselo LwesiTyhilelo

Funda: IsiTyhilelo 13:1, Daniyeli 7:1–3, noHezekile 1:1–14. Yintoni enye efumaneka kuyo yonke le mibono?

IsiTyhilelo 1:1 sikwathi: “Waqondisa wathumela ngaso isithunywa sakhe sasemazulwini kumkhonzi wakhe uYohane.” Apha sifumana igama elibaluleke kakhulu kule ncwadi. Igama waqondisa liguqulwe kwigama lesiGrike usemaino, elithetha “ukubonisa ngemiqondiso eyimifuziselo.” Eli gama lisetyenziswe kwinguqulelo yesiGrike seTestamente eNdala (iSeptuagint), apho uDaniyeli achaza kukumkani uNebhukadenetsare ukuba umfanekiso owenziwe ngegolide, isilivere, ubhedu, nesinyithi, uThixo wamqondisa ukumkani “okuya kubakho emveni koku” (Dan. 2:45). Ngokusebenzisa elo gama linye, uYohane usixelela ukuba imiboniso neziganeko zesiTyhilelo yavezwa kuye embonweni ngemifuziselo. Ekhokelwa nguMoya Oyingcwele, uYohane wayibhala ngokuthembekileyo le mifuziselo njengoko wayibonayo emibonweni (IsiTy. 1:2). Ngoko ke, ulwimi ezithe zachazwa ngalo iziprofeto zesiTyhilelo akufuneki lunikwe inguqulelo enjengoko linjalo. Ngokomthetho, lo gama ukufunda iBhayibhile ngokwesiqhelo kunika ingqondo yokuba imelwe ukuqondwa njengoko kubhaliwe, (ngaphandle kokuba indawo leyo yalatha kwimifuziselo ekujongwe kuyo), xa sifunda isiTyhilelo—ngaphandle kwaxa indawo yalatha kwintsingiselo ephandle—sidinga ukuba siyiguqule ngokwemifuziselo. Nangona imiboniso neziganeko ezixelwe ngenx’ engaphambili zona ziyinyaniso, ziye zikholise ukubekwa ngolwimi lwemifuziselo.

Ukuyigcina engqondweni imo yemifuziselo yesiTyhilelo kuya kusikhusela ekusigqwetheni isigidimi sesiprofeto. Ekuzameni ukwazi intsingiselo yemifuziselo esetyenziswe encwadini, kufuneka silumke singafaki endimeni okuphuma kwingcinga zomntu okanye iintsingiselo zeli xesha kuloo mifuziselo. Endaweni yoko, kufuneka siye eBhayibhileni nakwimifuziselo efunyanwa kumaphepha ayo ukuze siyiqonde imifuziselo ekwisiTyhilelo. Kanti ke, ekuzameni ukuqwabulula intsingiselo yaloo mifuziselo ekwisiTyhilelo, kufuneka sikhumbule ukuba emininzi kuyo yathatyathwa kwiTestamente eNdala. Ngokuzoba ikamva ngolwimi lwangaphambili, uThixo wayefuna ukufaka ezingqondweni zethu ukuba, imisebenzi yaKhe yosindiso kwixesha elizayo iya kufana kakhulu naleyo yosindiso kwixesha eladlulayo. Oko wakwenzela abantu baKhe kwixesha eladlulayo, uya kubenzela nakwelizayo. Ekuzameni ukusombulula imifuziselo nemifanekiselo yesiTyhilelo, kufuneka kuqale ngokunika ingqwalaselo kwiTestamente eNdala.

IsiQu SikaThixo (UbuThixo)

IsiTyhilelo siqala ngombuliso ofana naleyo ifunyanywa kwiileta zikaPawulos. Ekuqaleni le ncwadi yayithunyelwe iyileta kumabandla asixhenxe aseAsia Minor ngemihla kaYohane (bona IsiTy. 1:11). Phofu ke, IsiTyhilelo sasingabhalelwanga wona kuphela kodwa nazo zonke izizukulwana zamaKristu kuyo yonke imbali.

Funda: IsiTyhilelo 1:4, 5 nomaRoma 1:7. Uthini umbuliso oqhelekileyo ofunyanwa kuzo zombini, waye uvela kubani lo mbuliso unikwayo?

Zombini ezi ndima zinika umbuliso wobupostile: "Makubekho ubabalo noxolo kuni." Esi saci sinombuliso wesiGrike, charis (ubabalo) nowesiHebhere, shalom ("uxolo," "impilo"). Njengoko sibona kwezi ndima, uMniki wobabalo noxolo ziziqu ezithathu zobuThixo. Njengakuyo yonke incwadi, ezi ziqu zithathu zobuThixo zibonakalaliswe ngemifuziselo. UThixo uYise uboniswe njengaLowo "ukhoyo, wayekho, noza kubakho" (bona IsiTy. 1:8, IsiTy. 4:8). Oku kubhekisa kwigama elingcwele likaYahweh, "NDINGUYE ENDINGUYE" (Eks. 3:14) elibhekisa kubukho bukaThixo ngonaphakade. UMoya Oyingcwele kubhekiswa kuYe ngezaci ezithi "ooMoya abasixhenxe" (thelekisa nesiTy. 4:5 nesiTy. 5:6). Isixhenxe linani lengqibelelo. ImiMoya esixhenxe ihambelana namabandla asixhenxe asebenza kuwo uMoya. Lo mfanekiselo ubhekisa kubukho kwindawo yonke yomsebenzi kaMoya Oyingcwele phakathi kwabantu bakaThixo kuyo yonke imbali ebenza ukuba bakwazi ukuluzalisekisa ubizo lwabo.

UYesu Kristu ubonakalaliswa ngezihlonipho ezithathu: "oliNgqina elithembekileyo, Owamazibulo kubo abafileyo, uMphathi wookumkani bomhlaba" (IsiTy. 1:5). Zibhekisa ekufeni kwaKhe emnqamlezweni, ekuvukeni kwaKhe, nasekulawuleni kwaKhe ezulwini. Emva koko uYohane uxela oko uYesu akwenzileyo: "Wasithanda wasikhulula ezonweni zethu ngelilelakhe igazi—wasenza ookumkani nababingeleli kuye uThixo uYse" (IsiTy. 1:5, 6). "Wasithanda," kwisiGrike sasekuqaleni kubhekisa kuthando oluqhubekayo, oluhlanganisa ixesha eladlulayo, elimiyo, nelizayo. Lowo usithandayo usikhulule ezonweni zethu ngegazi laKhe. EsiGrikeni, oku kubhekisa kwisenzo esigqityiweyo esadlulayo: xa uYesu wayesifa emnqamlezweni, wasikhulula, thina balandeli baKhe, ezonweni zethu ngonaphakade.

UmaEfese 2:6 noFilipi 3:20 babachaza abahlangulweyo njengabo bavusiweyo bahlaliswa noYesu kwiindawo zasemazulwini. Kunokuba kuthetha ntoni oku, kwaye, ngokwangoku, siyixhamla njani le meko yokuzukiswa "[nje]ngookumkani nababingeleli" lo gama sise kulo mhlaba uqalekiswe sisono? Le nyaniso inokuba nagalelo lithini kwindlela esiphila ngayo?

Ingongoma Ebalulekileyo YesiTyhilelo

Isiphelo sentshayelelo yesiTyhilelo salatha kuqwalaselo oluyinyaniso kuyo yonke incwadi: ukubuya kukaYesu esemandleni nasebuqaqawulini. Isithembiso sikaKristu sokubuya kwakhona siphindwe kathathu esiphelweni sencwadi (IsiTy. 22:7, 12, 20).

Funda: IsiTyhilelo 1:7, 8. Ukubekwa kwale ndima kuthatyathwe kwiindawo zesiprofeto eziliqela: Daniyeli 7:13, 14; Zekariya 12:10; Mateyu 24:30. Zisixelala ntoni ezi ndawo ngokuqiniseka kokuBuya kwesiBini?

_____

_____

_____

KwisiTyhilelo, ukubuya kwesibini kukaKristu kusisiphelo sendawo eya kuyo imbali. UkuBuya kwesiBini kuya kuphawula isiphelo sembali yehlabathi nesiqalo sobukumkani bukaThixo obungunaphakade, kunye nenkululeko kubo bonke ububi, uxinzelelo, intlungu, nokufa.

Njengayo yonke iTestamente eNtsha, Isityhilelo 1:7 salatha ekuzeni kukaKristu okunjengokuba kuxelwa enobungangamsha nobuqaqawuli. Bonke abantu, kuquka "nabo bamhlabayo," baya kukubona ukuza kwaKhe. La mazwi alatha kuvuko olukhethekileyo lwabantu abathile kanye ngaphambi kokuba uKristu abuye, oluquka abo bambethelelayo. Lo gama uYesu eya kuzisa, nokuza kwaKhe, ukuhlangulwa kwabo bamlindeleyo, uya kuzisa ugwebo kwabo baye bayichasa inceba nothando lwaKhe. Ukuqiniseka kokuza kukaKristu kubethelelwa ngamazwi athi "Ewe, Amen" (IsiTy. 1:7). Igama uewe sisiGrike unai, kanti uamen usisiqinisekiso sesiHebhere. La magama mabini, ehlangene, athetha isiqiniseko. Esi siqinisekiso sikwayivala le ncwadi (bona nakwisiTy. 22:20).

Ukukholelwa ekuzeni okukufuphi koNyana woMntu esemafini asezulwini akuyi kwenza ukuba umkristu wenene angahoyi angakhathali ngomsebenzi oqhelekileyo wobomi. . . . Ubunyaniso, ukuthembeka, nokunyaniseka kuvavanywa kuqinisekiswe ngezinto zasemhlabeni."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 4, p. 309.

Isithembiso esinikiweyo sinamandla kuphela njengokunyaniseka komntu osinikayo kwisakhono sakhe sokusizalisekisa. Le nto yokuba isithembiso sokuBuya kwesiBini sinikwe nguThixo, othe kwixesha elidlulileyo wazigcina zonke izithembiso zaKhe, ikunika njani ingqiniseko yokuba uKristu uya kubuya njengoko athembisileyo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "The Study of the Books of Daniel and the Revelation," pp. 112–119, in *Testimonies to Ministers and Gospel Workers*. Esi sityhilelo sanikelwa ukukhokela nokuthuthuzela ibandla kulo lonke uhambo lwexesha lobuKristu. . . . Isityhilelo yinto etyhiliweyo. INkosi ngokwaYo yamtyhilela umkhonzi waYo iimfihlelo ezikule ncwadi, kwaye ilungiselela ukuba ziya kuvulelwa ukuba zifundwe ngabo bonke. Iinyaniso zayo zijoliswe kwabo baphila ngemihla yokugqibela yembali yehlabathi, kwakunye nabo babephila ngemihla kaYohane, eminye imiboniso echazwe kwesi siprofeto ikwixesha eladlulayo, eminye yenzeka ngoku, eminye ibonisa ukuvalwa kwembambano enkulu phakathi kwamagunya obumnyama neTshawe lezulu, kanti eminye ityhila uloyiso novuyo lwabahlangulweyo bekumhlaba owenziwe mtsha. Mabangabikho abacinga ukuba, kuba bengakwazi ukuchaza intsingiselo yomfuziselo ngamnye kwisiTyhilelo, akubancedi nto bona ukuyiphendla le ncwadi ngenzame yokwazi into ethethwa yinyaniso eyiqulathileyo. Lowo wazityhilayo ezi mfihlelo kuYohane, uya kumnika lowo uyiphendla ngokukhuthala inyaniso, ukungcamla izinto zasezulwini. Abo bantliziyo zivulekileyo ukuba bamkele inyaniso, baya kuba nako ukuziqonda iimfundiso zayo, baze banikwe intsikelelo ethenjiswe abo "bawevayo amazwi aso isiprofeto esi."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, amaph. 583–585.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ukuba IsiTyhilelo sikukutyhilwa kukaYesu Kristu, kutheni le nto igama isityhilelo linentsingiselo embi nje namhlanje? Isixelela ntoni le nto ngembono ethandwayo yesityhilelo phakathi kwamaKristu? Kutheni le nto igama ukoyika lisoloko lisayanyaniswa neziprofeto zesiTyhilelo?

2. Cingani ngezinye "iziprofeto" ezingenzekanga ezenziwa ngabantu kwisithuba nje seminyaka engama-20 edlulileyo ngokubhekiselele kwiziganeko zexesha lokuphela nokubuya kwesibini kukaYesu. Nokuba bezinjani iintliziyo neenjongo zabo babezenza (esingeke sizazi phofu), zaba zibi ngaluphi uhlobo iziphumo zezi ziprofeto zingazange ziphumelele? Zibenza bazive njani abo babekholelwa kwezo ziprofeto? Ziwenza ukuba abonakale enjani amaKristu kwabo bangaphandle abazibona ezi ziprofeto zingaphumeleli? Thina, njengabantu abakholelwa esiprofetweni nabazithabatha iziganeko zexesha lokuphela njengeempawu zendlela, silumisa njani uzinzo phakathi kwendlela esisiqonda ngayo isiprofeto nendlela esibafundisa ngayo abanye?